Isifundo 6

** 1–7 Februwari*

Ukuzuka Ekuziphakamiseni Kuye Entshabalalweni

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Daniyeli 5, IsiTy. 17:4–6, Nd. 96:5, K. 1:15–17, Roma 1:16–32, Intsh. 8:11, IsiTy. 14:8.

Indima Yenkumbulo:
"Yena uyawaguqula ke amaxesha neminyaka; uguzula ookumkani, amise ookumkani; unika bulumko kwizilumko, unika ukwazi kwabakwaziyo ukuqonda (Daniyeli 2:21).

KuDaniyeli 5, iliZwi likaThixo lisinika umzekelo onamandla wekratshi lomntu ophela ngendlela eyothusayo. Nangona ubani angathi kuthabatha uNebhukadenetsare ixesha elide ukufunda esakhe isifundo, kodwa ke wasifunda. Umzukulwana wakhe, uBheleshatsare, akazange afunde. Ngokusebenzisa kwakhe izitya zetempile kwijaka lasebhotwe, uBheleshatsare wazingcolisa. Isenzo esinjalo sokungcolisa silingana, hayi kuphela nokucela umngeni kuThixo kodwa nokuhlasela uThixo ngokwaKhe. Kungoko, uBheleshatsare eyizalisile indebe yobugwenxa bakhe, ngokwenza ngeendlela ezifana nophondo oluncinane (jonga uDaniyeli 8), olwahlasela iziseko zengcwele kaThixo. Ngokususa ulawulo kuBheleshatsare, uThixo wenza umboniso wangaphambili wento aya kuyenza ukulwa neentshaba zabantu baKhe ngemihla kanye yokuphela. Iziganeko ezichazwe kuDaniyeli 5 zeenzeka ngowama- 539 B.C., ngobusuku iBhabheli eyawa ngabo phambi komkhosi wamaMedo-Persi. Apha kwenzeka utshintsho phakathi kwegolide nesilivere, athethe ngalo uDaniyeli 2. Kwakhona kuphinda kucace ukuba uThixo uyayilawula imicimbi yehlabathi.

**Sifunde esi sifundo ukulungiselela iSabatha ka 8 Februwari.*

Isidlo SikaBheleshatsare

Funda: Daniyeli 5:1–4 kunye Daniyeli 1:1, 2. Yintoi le imbi kakhulu yenziwa nguBheleshatsare? Isiveza njani isimilo sakhe esisiso? Thelekisa izenzo zakhe nesiTyhilelo 17:4–6. Zinto zini ezifanayo onokuzifumana?

Ukumkani uyalela ukuba izitya ezingwele zetempile yaseYerusalem zisetyenziswe ekuseleni (iwayini). UNebhukadenetsare wathimba ezi zitya etempileni yaseYerusalem, kodwa wazibeka endlwini yothixo wakhe, nto leyo eyayibonisa ukuba noko uyayihlonipha imeko yobungcwele bazo. Yena uBheleshatsare ujika izitya ezingcwele ukuba zibe zizitya zokusela ngeyona ndlela inyelisayo. Bathe xa besela ngezi zitya zingcwele, ababengamaphakathi kaBheleshatsare "babancoma oothixo begolide, nabesilivere, nabobhedu, nabesinyiti, nabemithi, nabamatye" (Dan. 5:4). Kubalulekile ukuqaphela ukuba iimpahla ezintandathu zikhankanyiwe. AmaBhabheli ayesebenzisa uhlobo olumacala mathandathu (uhlelo olumiselwe kwinani ama-60) ukumelana nohlobo lwamaqhezu alishumi asetyenziswayo namhlanje (akhelwe kwinani-10). Ngoko ke, amabakala amathandathu oothixo amele ukuphelela kohlelo lwenkolo yoothixo baseBhabheli. Okunika umdla, ukulandelelana kwezixhobo kulandela ucwangciso lwezinto ezisetyenzisiweyo ephupheni lomfanekiso kaNebhukadenetsare, ngaphandle nje kokuba umthi usendaweni yodongwe. Njengasephupheni, ilitye livela ekugqibeleni; nangona apha limele isixhobo esikhoyo ekwakhiweni kwezithixo, ilitye likwakhumbuza umgwebo kaThixo phezu kwazo zonke izikumkani zomhlaba (jonga uDan. 2:44, 45), ezifuziselwe yiBhabheli. Esi silo simele ngokufanelekileyo iBhabheli yexesha lokuphela njengoko ibonwa kwisiTyhilelo. NjengoBheleshatsare, umfazi kwisiphelo sexesha, iBhabheli, uphethe indebe yegolide enikela isiselo esingcolisiweyo ezintlangeni. Ngamanye amazwi, ngeemfundiso zobuxoki nohlelo lonqulo olugqwethekileyo, iBhabheli yangoku ilobela ihlabathi ebubini IsiTy. 17:4–6), lilibale ngomgwebo oza kuza kungekudala phezu kwawo. Ngeye imini uza kufika umgwebo.

Zeziphi iindlela othi ngazo umphakathi nenkcubeko yethu zingcolise inyaniso yeliZwi likaThixo? Singalumka njani ukuba singabi nenxaxheba koko kungcolisa, nokuba kungeendlela ezingacacanga? Yiza nempendulo yakho eklasini ngeSabatha.

Undwendwe Olungamenywanga

Funda: Daniyeli 5:5–8. Kwenzeka ntoni, kwaye kutheni ukumkani esabela ngohlobo enza ngalo? Zeziphi iindlela ethi le ngxelo ihambelane nekaDaniyeli 2, kutheni le nto oko kuhambelana kubalulekile nje? (Jonga iNd. 96:5, Kol. 1:15–17.)

Njengoko wenza uNebhukadenetsare kwiintlekele ezidluleyo (Dan. 2:2, Dan. 4:7), uBheleshatsare ubiza izazi zeenkwenkwezi, amaKhaledi, nabavumisi ukuba bacacise umbhalo oyimfihlelo. Ukuqinisekisa ukuba banika okona kukuko, ukumkani ubathembisa ubuyokoyoko bamawonga: (1) impahla emfusa, umbala onxitywa ngamakhosi ngamaxesha akudala (Estere 8:15); (2) ityathanga legolide, elalingumqondiso wewonga eliphezulu ekuhlaleni (Gen. 41:42); (3) nesikhundla senqwanqwa lesithathu ebukumkanini. Lo mvuzo wokugqibela ubonisa ngokucacileyo iimeko zembali yeBhabheli ngelo xesha. Ngenxa yokuba uBheleshatsare wayengumlawuli wesibini nowayelawula kunye noyise, uNabhonidas, unikela ngesikhundla somlawuli wesithathu. Seyikho loo mivuzo inomtsalane, izazi zaphinda zasilela ukunika inkcazo.

Ngaphezu kwazo zonke izono zakhe, ngoko ukumkani wayezama ukufumana ubulumko endaweni engeyiyo. Iingcali zaseBhabheli azinako ukuyityhila into ethethwa sisigidimi. Sibhalwe ngolwimi lwazo, iAramaic, njengoko siyakubona ngomso, kodwa abakwazi ukuwazi amagama. Le nto inokusikhumbuza into ethethwa nguYehova ngoIsaya: “butshone ubulumko bezilumko zabo, isithele ingqondo yeengqondi zabo” (Isa. 29:14). Emva kokucaphula le ndima, umpostile uPawulos uthi: Siphi na ke isilumko? Uphi na ke umbhali? Uphi na ke umphiki weli phakade? UThixo akabenzanga baba bududenge na ubulummko beli hlabathi? Ekubeni ke kuthe, ebulumkweni bukaThixo, ihlabathi lamazi uThixo ngobulumko balo, kwakholeka kuThixo ukusindisa abo bakholwayo, ngabo ubudenge bokuvakalisa iindaba ezilungileyo” (1 Kor. 1:20, 21).

Ezinye iinyaniso zibaluleke kakhulu ukuba ziyekelwe ebantwini ukuba bazame ukuziqonda ngokwabo. Yiyo le nto uThixo, endaweni yoko, ezityhila ezi nyaniso kuthi.

Cinga ukuba ingaba yayiza kuba yintoni imivuzo, kwaye xa kucingwa ngoko kwakuza kulandela kwakamsinyane, zaziza kuba yinkunkuma enjani ngokwenene. Inokusixelela ntoni le nto ngendlela ezithi pheselele ngayo izinto zomhlaba, nokuba kutheni kufuneka sisoloko sigcine icala likanaphakade engqondweni kuyo yonke into esiyenzayo?

Lwesibini

4 Februwari

Ukungena Kukakumkanikazi

Funda: Daniyeli 5:9–12. Uthini ukumkanikazi ngoDaniyeli nto leyo awayemele ukuba kukade eyazi ukumkani? Ithini ngaye yona le yokubonakala engazi nto ngobukho bukaDaniyeli?

Sithe xa isidlo sisuke saba nesidubedube ngenxa yesigidimi esiyimfihlakalo eludongeni, wangena ukumkanikazi wanika imiyalelo kukumkani odidekileyo. Wamkhumbuza ukumkani ngoDaniyeli, osakhono sakhe sokuchaza amaphupha nokuxazulula iimfihlelo zabonakalaliswa ngexesha likaNebhukadenetsare. Ukuba uBheleshatsare wayephucuke njengowayengaphambi kwakhe, ngewazi apho makaye khona ukuze afumane okuthethwa ngulo mbhalo uyimfihlelo. Ukungenelela kukakumkanikazi kufumaneke kufanele ukuba kubekho kukumkani, owayebonakala ecinyelwe zizibane engazi ukuba enze ntoni. Amazwi kakumkanikazi avakala ngokungathi ayakhalima kuBheleshatsare nokungakhathaleli umntu ekuphela kwakhe ebukumkanini onokuchaza umbhalo oyimfihlelo. Wamnika ukumkani amagqabantshintshi ngembali kaDaniyeli: Umprofeti unoMoya kaThixo Oyingwele, ukukhanya nokuqonda nobulumko bezulu, umoya omhle kakhulu, nolwazi; uyakwazi ukuwaqonda nokuwachaza amaphupha, exazulula iinkinga, nokucacisa iintsonkotha; wayeyintloko yabanobugqi, abafunda ngeenkwenkwezi, amKhaledi, noosiyazi (Dan. 5:11, 12).

Kule ndawo, siyaphinda siyamangala ukuba kutheni uBheleshatsare abe wayemtyeshele uDaniyeli. Indima ayisiniki impendulo etsolileyo kulo mbuzo, kodwa siyacinga ukuba, ngeli xesha uDaniyeli, emva kokuba wasebenza nokumkani, ubuncinane, kwada kwangumnyaka wesithathu wokulawula kwakhe (Dan. 8:1, 27), akasasebenzi "ngokoqeshiweyo." Enye into inokuba bubudala. Ukwisithuba sama-80 eminyaka ubudala, abe ukumkani wayefune ukufaka igazi elitsha endaweni yelidala ebukhokelini. Kusenokwenzeka ukuba abe ukumkani wagqiba kwelokuba angamhoyi uDaniyeli kuba wayengafuni ukuzinikela kuThixo kaDaniyeli. Nokuba sasisithini isizathu okanye izizathu zizonke, isaxakile kodwa into yokuba angalityalwa msinyane kangako umntu onengxelo efana naleyo kaDaniyeli.

Funda: Roma 1:16–32. Zeziphi iindlela esithi sibone umthetho-siseko oxelwe kwezi ndima ubonakalaliswa, kungekuphela kweli bali, kodwa emhlabeni namhlanje.

Lwesithathu *5 Februwari*

Ukulinganiswa Nokufunyanwa Ulula

Funda: Daniyeli 5:13–28. UDaniyeli unike isizathu esithini ngokuphelelwa okukhawulezileyo okuzayo kwalo kumkani?

Ngokunyanzelwa ziimeko, ukumkani wabhenela ekuthetheni noDaniyeli, kodwa ukhangeleka ethandabuza. Oku kuthetha okukhulu ngengqondo kakumkani ngakuThixo kaDaniyeli kunesiqu sikaDaniyeli ngokwakhe.

Impendulo kaDaniyeli kumvuzo kakumkani yathetha okuninzi ngezinto ezihamba phambili kuDaniyeli kwanesimilo sakhe. Kuse nako ukuba uDaniyeli, ngokwazi intsingiselo yamazwi ayimfihlo, wayiqonda indlela ongenaxabiso ngayo ngokwenene umvuzo lowo. UDaniyeli emva koko wammangalela ukumkani ngamatyala amathathu. Kuqala, uBheleshetsare akawakhathalelanga kwaphela amava kaNebhukadenetsare. Kungenjalo ngewayeguqukile wazithoba njengalowo wayengaphambi kwakhe.

Okwesibini, uBheleshatsare usebenzise izitya zetempile ukusela ngazo iwayini nokudumisa izithixo zakhe. Apha, uDaniyeli ukhankanya iindidi ezintandathu zezixhobo ezisetyenziswe ekwenzeni izithixo ngolandelelwano obeluphawulwe ngaphambili. Okwesithatu, ukumkani utyeshele ukuzukisa uThixo, Lowo "kusesandleni sakhe ukuphefumla kwakho, onazo zonke iindlela zakho" (Dan. 5:23). Akuba ethethe ngokusilela kukakumkani, uDavide waqhubeka waya ekuchazeni. Ngoku sifunda ukuba umbhalo wezulu oseludongeni unamagama amathathu, izezi zesiAramaic (siphindwe kabini esokuqala). Intsingiselo yawo ephambili yayimele ukuba iyaziwa ngukumkani nezazi zakhe: MENE: "ubaliwe"; TEKEL: "ulinganisiwe" no-PERES: "wahluliwe."

Wathi umkhosi wamaMedo-Persi usemasangweni eBhabheli, ukumkani nezazi babemele ukuba bayikrokrele intsingiselo embi kuloo mbhalo, kodwa izazi azinaso isibindi sokuthetha into embi kukumkani. NguDaniyeli kuphela ekufumaniseke ukuba uyakwazi ukuyicubungula eyona ntsingiselo yale ntetho ukuze anike uBheleshatsare intsingiselo eyiyo: "MENE: UThixo ububalile ubukumkani bakho, wabuphelisa. TEKELE: Wena ulinganisiwe esikalini, wafunyanwa ulula. PERES: Buyahlulwa ubukumkani bakho, bunikwe amaMedi namaPersi" (Dan. 5:27, 28). Yayingengawo ncam amagama entuthuzelo nokonwaba.

Umgwebo uza ngokukhawuleza kukumkani. Singakufunda njani ukumthemba uThixo kwiimeko apho, okwangoku, ubulungisa nomgwebo izizinto ezingekafiki? (Jonga Intsh. 3:17, Intsh. 8:11, Mat. 12:36, Roma 14:12.)

Lwesine

6 Februwari

Ukuwa KweBhabheli

Funda: Daniyeli 5:29–31 kunye nosiTyilelo 14:8, IsiTyilelo 16:19, nesiTyhilelo 18:2. Yintoni esinokuyifunda ngokuwa kweBhabeli kaBheleshatsare okwalatha ekuweni kweBhabheli yexesha lokuphela?

Nokuba zazinjani iimposiso zakhe, uBheleshatsare yindoda ema ezwini layo. Ngoko, iindaba sezimbi, uyaneliseka yinkcazo enikwe nguDaniyeli, nto leyo eyenza amnike umprofeti izipho ezithenjisiweyo. Kuyabonakala ukuba ngokuyivuma inyaniso yesigidimi sikaDaniyeli, ukumkani ngokuphandle uyabuvuma ubunyaniso bukaThixo kaDaniyeli. Okunika umdla, uDaniyeli ngoku uyazamkela izipho abezalile ngaphambili, mhlawumbi kuba izipho ezinjalo azisenako ukuba nempembelelo ekuchazeni kwakhe. Ngaphandle koko, ngelo xesha, izipho ezinjalo azinantsingiselo kususela ukuba ubukumkani buza kuwa. Ngoko, mhlawumbi, ukunika nje imbeko, umprofeti uyazamkela izipho, lonke ixesha esazi ukuba uza kuba ngumlawuli wesithathu kubukumkani okweyure ezimbalwa.

Kanye njengoko bekuvakalisiwe ngumprofeti, iBhabheli yawa. Yakwenza oko ngokukhawuleza; ukumkani namaphakathi akhe besasela, isixeko sawa kungakhange kubekho dabi. Ngokombhali wembali uHerodotus, amaPersi omba umsele ojika umlambo umEfrati neMatshied ongena esixekweni eludongeni lomlambo. Ngobo busuku bunye, uBheleshtsare wabulawa. Uyise, ukumkani uNabonidas, wayesele esibalekile isixeko, ezinikela kamva kubalawuli abatsha. Ngalo ndlela, obona bukumkani bukhulu obakababonwa ngabantu ukuza kufika kule ndawo, bafikelela esiphelweni. IBhabheli, intloko yegolide, ayisekho.

“UBheleshatsare wayenikwe amathuba amaninzi okuba ayazi ayenze intando kaThixo. Wayembonile uNebhukadenetsare uyisemkhulu egxothwa ebantwini. Wayebubonile ubuchopho awathi ukumkani onekratshi waqhayisa ngabo buthatyathwa nguLowo wayemnikile. Wayembonile ukumkani egxothwa ebukumkanini bakhe, esenziwa iqabane namarhamncwa asendle. Sekunjalo, ukuthanda iziyolo nokuzizukisa kukaBheleshetsare kwazicima izifundo awayengamele ukuba wazilibala; wenza izono ezifana nezo zazisa ukubethwa okukhulu kuNebhukadenetsare. Wawachitha amathuba awayewanikwe ngobubele, etyeshela ukuwasebenzisa amathuba akufuphi kuye okuba aqhelane nenyaniso.”—Ellen G. White, *Bible Echo,* April 25, 1898.

Ngawaphi amathuba esinawo okuba “siqhelane nenyaniso”? Kuthetha ntoni oko? Kukweyiphi indawo apho sinokuthi siqhelene nayo yonke inyaniso esidinga ukuyazi?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Izidlo ezikhulu zazixhaphakile kumabhotwe ehlabathi lakudala. Ukumkani wayethanda ukuba namatheko anokuthsafaza obunewunewu ukubonisa ubukhulu nokuqina. Nangona singazazi zonke iinkcukacha zesi isidlo, siyazi ukuba senziwa xa umkhosi wamaMedi-Persi wawulungele ukuba uyihlasele iBhabheli. Ngokokuthetha komntu, sasingekho isizathu sokukhathala. IBhabeli yayineendonga ezinqatyisiweyo, ukutya okwanele iminyaka emininzi, namanzi amaninzi, kuba umEfrati wawubaleka kumbindi wesixeko. Ngoko ke, ukumkani uBheleshatsare akaboni nkathazo ekuqhubeni itheko ngoku utshaba lurhangqe isixeko. Uye wenza umgidi omkhulu, owathi kungekudala wajika walijaka. Ubungqina obungako kwikratshi lomntu, ngakumbi xa kuphikiswana namandla eNkosi. NgoDaniyeli, uThixo uxelela ukumkani ukuba, nangona ebe namathuba amaninzi okuba afunde inyaniso, “uThixo lowo, kusesandleni sakhe ukuphefumla kwakho, onazo zonke iindlela zakho, akumbekanga” (Dan. 5:23). “Imbali yezizwe ithetha nathi namhlanje. ngesilinganiso esisesandleni saLowo ungaze enze mpazamo. Bebonke, ngokuzikhethela kwabo, benza isigqibo ngesiphelo sabo, abe uThixo ekongamele konke ukufezekiswa kweenjongo zaKhe. Kwisizwe ngasinye nakumntu ngamnye uThixo unike indawo kwicebo laKhe elikhulu. Namhla amadoda nezizwe ziyavavanywa.”—Ellen G. White, Abaprofeti Nookumkani, iph. 445.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, xoxani impendulo kumbuzo wangeCawa ongeendlela umphakathi nenkcubeko ezithi zingcolise ngazo inyaniso kaThixo. Zeziphi ezi ndlela, kwaye thina njengebandla namalungu ngabanye simele ukusabela njani kwezi zingcoliso?

2. Lisifundisa ntoni eli bali ngendlela usindiso olungekho ngamandla kwinto esiyaziyo kodwa ekubeni sisabela njani koko sikwaziyo? (Jonga uDan. 5:22.)

3. Funda: Daniyeli 5:23. Yeyiphi imitheto-siseko yasemoyeni ebalulekileyo esiyifumanayo kule ndima? Umzekelo, isilumkisa njani le ndima ekudeleleni uThixo? Okanye, isifundisa ntoni le ndima ngoThixo onganelanga nje ukuba nguMdali kodwa nokwanguMxhasi wobukho bethu?

4. Nokuba akayazi into ethethwa ngamagama, uBheleshatsare wothuka (Dan. 5:6). Kusixelela ntoni oku ngoko kuthethwa kukuphila nesazela sokuba netyala?